

Uphumlo Lwasekugqibeleni



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *IsiTyh. 1:9–19; Mat. 24:4–8, 23–31; IsiTyh. 14:6–12; Heb. 11:13–16; Fil. 4:4–6.*

Indima Yenkumbulo: “Njengoko ke kubhaliweyo, kwathiwa, Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe, nezingathanga qatha entliziyweni yomntu, zizo uThixo awazilungisela abo bamthandayo” (1 Kor. 2:9).

Ingaba wakha waziva uphakathi kwidabi elikhulu, elinje ngokulwa kokulungileyo nokubi? Abaninzi, nakwabo bangakholwayo, bakhe bayive le meko. Siva ngaloo ndlela, kuba kakade kunjalo. Siphakathi kwidabi elikhulu phakathi kokulungileyo nokubi, phakathi kukaKristu (okulungileyo) noSathana (okubi).

Ubomi, ngelo xesha, budlalwa kwimigangatho emibini. Imbambano enkulu phakathi kukaKristu noSathana yenzeka kumhlaba wonke—kanti ke, nakwindalo yonke, kuba ezulwini kulapho yaqala khona (*IsiTyh. 12:7*). Kanti ke, kumbhodamo weziganeko, singalahlekwa lula ngumfanekiso opheleleyo wecebo likaThixo alibekele ukusinda kwalo mhlaba. Iimfazwe, ukungabikho kuzinza kwezopolitiko, iintlekele zendalo zizinto ezinokusenza sihlale sisoyika ngokungabi nako ukuzinceda. Yona inkokelo kaThixo exelwe kwangaphambili inako ukusinceda ukuba ingqondo yethu siyimilisele kumzobo omkhulu apho siya khona kwanendlela esinokufika ngayo apho.

Imbambano enkulu ikwadlalwa kakhulu kumgangatho womntu ngamnye. Sonke ngabanye sijongene nemingeni yokholo kubomi bethu bemihla ngemihla, kwaye ukuba asiyi kuphila kude kube sekufikeni kwesibini kukaYesu, siya kujongana nako nokufa. Kule veki, siqwalasela indlela esinokuphumla ngayo kuYesu ngoku sijongene nokungonwabi komhlaba wonke kunye nelethu buqu ikamva esingalaziyo, phofu ke, okwexeshana. Phaya ekugqibeleni, izinto ziyathembisa, ngokwenene!

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaSeptemba 25.*

Umbono Wesiphelo

Oyena mfundi waphila ixesha elide kwabo babe noYesu, wayehleli kwisiqithi esiyintolongo yamatye, ekude kuyo yonke into eyayithandeka kuye. Kunokuba kwakusenzeka ntoni engqondweni kaYohane njengoko wazifumana elilolo kwesi siqithi siyintlango? Wafikelela njani apha, ekule meko? Eyona nto, wayembonile uYesu esimka, wazibona iingelosi ezimbini zimi apho, zisithi: “Madoda maGalili, nimeleni na nondele ezulwini? Kwayena lo Yesu unyusiweyo kuni, wasiwa emazulwini, uya kuza ngolu hlobo nimbone esiya ngalo emazulwini” (*IZenzo 1:11*).

Oku, phofu, kwakusele kuyiminyaka emininzi abe uYesu engekabuyi. Kwangeli xesha linye, abanye abapostile ababekho ngaloo mini babesele befile, abaninzi babo bebulewe ngenxa yobungqina babo ngoYesu.

Ibandla elitsha laba nenenguquko zokukhula laye ngoku lijongene nentshutshiso eyoyikekayo yangaphandle kanti nolahlekiso olungaqhelekanga lweentshukumo zangaphakathi. UYohane unokuba waziva elilolo, ediniwe, engonwabanga. Ngelo xesha, ngequbuliso, wanikwa umbono.

Ucinga ukuba yaba njani intuthuzelo awayifumanayo uYohane kulo mbono? Funda: IsiThyilelo 1:9–19.

UYesu wayethe kubalandeli baKhe, “Niyabona, mna ndinani yonke imihla, kude kube sekuphelisweni kwephakade” (*Mat. 28:20*), amazwi, ngaphandle kwentandabuzo, awamkhuthazayo uYohane xa wayejongene nokuba lilolo kweso siqithi. Ngokuqinisekileyo, lo mbono, esi “siThyhilelo” sikaYesu, sinokuba sasiyintuthuzelo enkulu kuYe, esazi ukuba uYesu, “uAlfa no-Omega, owokuqala nowokugqibela,” ngoku wayeziveza ngendlela ekhethekileyo kumprofeti osekuthinjweni.

Okulandelayo kwezi ndima yimibono yekamva leli hlabathi. Umbono wembali yokulandelelana kweziganeko ezoyikekayo wazotywa phambi kwakhe, oko kuthi kuyimbali yebandla lobuKristu, kuye kwakulixesha elizayo. Kanti ke, phakathi kwezilingo neenkathazo ezaziza kuza, uYohane wasiboniswa isiphelo sako konke. “Ndabona izulu elitsha, nomhlaba omtsha; kuba elokuqala izulu nowokuqala umhlaba udlule, nolwandle alusekho. Ndaza mna, Yohane, ndawubona umzi ongcwele, iYerusalem entsha, usihla uvela kuThixo, uphuma emazulwini, uhonjisiwe njengomtshakazi ehonjiselwe indoda yakhe” (*IsiTyh. 21:1, 2*).

Umbono omkhulu weziganeko zokugqibela awubhalileyo uYohane kwisiThyhilelo wamnceda ukuba aphumle ngesibindi kulungiselelo nezithembiso zikaThixo.

Ubomi buya kwazi ukuba nzima, bude boyikeke ngamanye amaxesha. Sekunjalo, kusinika njani ukonwaba nentuthuzelo ukwazi ukuba uThixo uyalazi ikamva laye ikamva elo, likude linjalo, lihle?

Ukubala Ixesha Eliseleyo

Entabeni yemiNquma, uYesu wazoba imbali ngemibhalo ebanzi xa wayephendula imibuzo yabafundi: “ ‘Sixelele, ukuba ziya kubakho nini na ezo zinto; uya kuba yini na umqondiso wokufika kwakho, nowokupheliswa kwephakade eli?’ ” (*Mat. 24:3*).

Intshumayelo ethandwayo kaYesu, ebhalwe kuMateyu 24, iquke ukulandelelana kwembali engaphazanyiswanga ukususela kwimihla yokuphila kwakhe kuse ekuBuyeni kwaKhe kwesiBini, kude kudlule nalapho.

UYesu wayefuna ukunika abantu baKhe kwizizukulwana zonke umfanekiso wocwengciso lwezulu lweziprofeto zexesha lokugqibela, ukuze abo baphila ekupheleni kwexesha bakwazi ukuba balungele isiganeko *sokugqibela*. Wayefuna ukuba sikwazi ukuphumla ngesibindi kuthando lwaKhe, naxa zonke izinto ezisingqongileyo zichitheka.

Ama-Adventists ayazi kakuhle inkcazo kaDanyeli “[ye]xesha lembandezelo elingazanga libekho elinjalo, kususela koko lwabakhoyo uhlanga” (*Dan. 12:1*). UYesu ufuna ukuba sibe sisilungele esi siganeko singaphambi kokubuya kwaKhe kwesibini.

Kuya kuba njani ukubuya kwaKhe? Singakunxwema njani ukulahlekiswa? Funda: Mateyu 24:4–8, 23–31.

Ukuza kukaYesu kuya kuba sisiganeko esiphathekayo ekupheleni kwexesha. Ngokuqaphela ubungakanani bendawo engokubuya kwaKhe esiprofetweni, nakwiintshumayelo zikaYesu, kuyacaca ukuba *lo ngumcimbi omkhulu*.

Ukugqibela kokubakho kwesiganeko esikhulu somhlaba wonke, babesibhozo kuphela abantu ababesilungele. UYesu uthlekisa ukungalindeleki kokuBuya kwesiBini kweso siganeko—uNogumbe (*Mat. 24:37–39*). Kanti ke, nangona kungekho mntu uwaziyo umhla okanye iyure yokuBuya kwesiBini (*Mat. 24:36*), uThixo usinikile ukubala ixesha lesiprofeto ukuze sikwazi ukuqaphela oko kwenzekayo emhlabeni osijikelezileyo.

Sinikwe inxaxheba yokuzalisa lo mdlalo wesiprofeto. Ithini indawo yakho? Qwalasela kuMateyu 24:9–14.

Kweli dabi lezwe lonke, singaphezu kokuba ngababukeli nje kuphela. Kufuneka sibe ngabathabatha inxaxheba ekusasazeni iindaba ezilungileyo kuse esiphelweni sehlabathi, okuthi, nathi siya kujongana nentshutshiso.

Kuthetha ukuthini “ukuthwala kuse ekupheleni”? sikwenza njani oko? Kukhetha kuni esidinga ukukwenza yonke imihla ukuze singawi silahleke, njengoko benzayo abaninzi, baye bebaninzi abaya kwenza njalo?

Imiyalelo Yokubheka Phambili

Umfanekiso opheleleyo wembali yesiprofeto awusivumeli ukuba sihlalele kude singenzi nto ngoku iziganeko ziya zityhileka, iziganeko esingeze sikwazi ukuzilawula nakanjani. Kuyakholisa ukuba kubekho ingqondo ethi, “Ke, iziganeko zokugqibela ziza kwenzeka njengoko zixelwe kwangaphambili, yintoni ke thina esinokuyenza ngaloo nto ngaphandle kokuba sisuke nje sihambe nazo? Ngapha koko, mna nedwa yintoni endinokuyenza?”

Asiyiyo indlela leyo amaKristu afanele ukwalamana nehlabathi eliwangqongileyo, ngakumbi, kwiziganeko zokugqibela. IsiThyilelo 14 sisixelela ukuba injongo yethu ngeli xesha embalini kukuxelela abanye ngomgwebo kaThixo sibancede ukuba balungiselele ukubuya kwesibini kukaYesu.

Funda: IsiThyilelo 14:6–12. Yintoni le ifundiswa apha, iyintoni ekufuneka siyivakalise emhlabeni? Kutheni le nto esi sigidimi sikhawulezile?

Singama-Adventists, sikholelwa ukuba “inyaniso yeli xesha” (2 *Pet. 1:12*) ifumaneka, ngokutsolileyo, kwezi ndima esithi ngazo “siSigidimi Seengelosi Ezintathu.” Kulapha apho sifumana khona umongo wokuba luyintoni ubizo lwethu ngelixesha embalini yomhlaba.

Qaphela, kuqalwa ngegospile-“iindaba ezilungileyo,” iindaba ezimangalisayo zokufa nokuvuka kukaKristu, ekulele phezu kwazo ithemba ekuphela kwalo lokusindiswa kwethu. Sikwakho nesigidimi sokuba “lifikile ixa lokugweba” (*IsiTyh. 14:7*), uphawu olunamandla olwalatha ekupheleni kwexesha. Kubuya kubekho ubizo lokuba kunqulwe lowo “wenza izulu nomhlaba,” oluchasene nesilumkiso esoyikekayo kwabo bahleli eBhabheli, benqula “irhamncwa nomfanekiselo walo.” Ekugqibeleni, kukho ukuchazwa okanye ukuzotywa kwabantu bakaThixo bexesha lokuphela: “Nalu unyamezelo lwabangcwele, naba abayigcinayo imithetho kaThixo nokukholwa kuYesu.”

Funda: IsiThyilelo 14:11. Ithni le ndima ngokuswela ukuphumla kwabo banqula irhamncwa nomfanekiselo walo?

Akukho kuphumla, imini nobusuku, kwabo banqula irhamncwa nomfanekiselo walo? Nangona zikho iingcamango ezininzi ngokubhekiselele kweyona nto ithethwa koku, sonke siyavuma ukuba aba bantu abaxhamli uhlobo lokuphumla uThixo akunika abo bathembekileyo kuYe.

Yintoni eyenza ukuba ucinge ukuba indawo yokuqala yeZigidimi Zeengelosi Ezintathu “ziindaba ezilungileyo ezingunaphakade”? Kutheni le nto kufuneka sisoloko siyigcinile le nyaniso imangalisayo phambi kwethu xa sivakalisa ezi zigidimi zingundoqo kwingcamango yokuphumla?

Ukuphumla Eluxolweni

Sekuziinkulungwane ezinde ngoku amaKristu elindele ukubuya kukaKristu. Inyaniso yeyokuba, kukuzaliseka kwawo wonke amathemba wethu—kungengawo awethu kuphela, kodwa amathemba abo bonke abathembekileyo bakaThixo kuyo yonke imbali.

Funda: Hebhre 11:13–16. Lithini ithemba elikhulu elilapho, lingelilo elabantu bakudala kuphela kodwa nelethu, nathi?

Ngeendlela ezininzi, ezi ndima aziqondakali xa ulwazi oluqhelekileyo noluthandwayo lokufa luyinyaniso. Ithetha ngantoni le ndawo, aba bantu “bangawazuzanga amadinga”? Bafile, bekumele ukuba ngoku basezulwini noYesu, bonwabele umvuzo wabo omkhulu. Umzekelo, ukufa kukaBilly Graham, seva kaninzi ngokuba sezulwini kwakhe noYesu.

Kuninzi nako okuyimpoxo kule mbono, kuba kukholisa ukuthi akufa umntu, sive, “Wanga angaphumla ngoxolo.” Kanti kwenzeka ntoni apha? Ingaba abantu abanjalo baphumle ngoxolo, okanye basezulwini besenza oko bafanele ukuba bayakwenza (ukusibukela sonke “sonwabile” apha emhlabeni)?

UYesu ukuchaza njani ukufa? Funda: Yohane 11:11.

Inyaniso yethi, ingcamango yokuphumla kwabo “ngoxolo” yona, phofu, yinyaniso ngoko kwenzeka ekufeni, akunjalo? Abafileyo, ngokwenene, baphumle. “Kulowo ukholwayo, ukufa kuyinto nje encinane. UKristu uthetha ngako ngokungathi kokomzuzwana. “Ukuba umntu uthe waligcina ilizwi lam, akasayi kuza abone kufa,” “akasayi kuza eve kufa.” Kumntu ongumKristu, ukufa kukulala kuphela, umzuzu wokuthula nobumnyama. Ubomi bufihlwe noKristu kuThixo, kwaye “xa athe wabonakalaliswa uKristu, obubomi bethu, ngelo xesha niya kubonakalaliswa nani, ninaye ebuqaqawulini.” Yohane 8:51, 52; Kol. 3:4.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 787.

UYesu uyifanisa imeko yomntu phakathi kokufa nentsasa yokuvuka nokulala okungenakwazi [okungekho zingqondweni] (*Yohane 11:11, 14*), kodwa ukwacinezela ukuba bobabini abasindisiweyo nabalahlekileyo baya kuwufumana umvuzo emva kovuko (*Yohane 5:28, 29*). Wakubabaza ukubaluleka kokuba kube kulungelwe ukufa, nanini kufika.

Ithini intuthuzelo oyifumanayo ekwazini ukuba abakho abafileyo ubathanda, ngokwenene, ngoku baphumle?

Vuyani ENkosini Amaxesha Onke

Enye yezona apps ezisetyenziswa kakhulu kwezimfonomfono zempucuko nguGoogle Maps [izinika-mkhondo]. Abaninzi kuthi abasakhumbuli ukuba babesenza njani zingekabikho izinika-mkhondo kwiifowuni zethu. Besihlupheka sisiya endaweni esiqalayo ukuya kuyo, kodwa ngeeGoogle Maps kwiifowuni zethu, sihamba sithembele siyifumane indlela nakwisixeko esingasaziyo. Ingaba eli themba lingaba sisiboniso sohlobo lokuphumla afuna ukusinika lona uThixo ngesicwangciso sesiprofeto?

Maxa wambi, phofu, singangena kwidilesi engeyiyo kwizinika-mkhondo zethu, okanye singasuka sigqibe ukungalandeli umyalelo kuba sicinga ukuba siyazazi iindlela ezinqumlayo nezimfutshane. Nakweyiphi imeko, singaphela silapho besingafuni ukuba khona—phofu ngokuqinisekileyo, singekho kwimo yokuphumla engqondweni.

Funda: Filipu 4:4–6. Uthini uPawulos kuthi apha ngendlela esinokufumana ngayo ukuphumla kwenene, uxolo lwenene, naphakathi kwehlabathi elitshutshisayo nelizaliswe yintlungu?

Kule ndawo, uPawulos akathi vuya, ngamaxesha onke, kuzo zonke izilingo ojongana nazo. Endaweni yoko uthi, “Vuya *eNkosini* amaxesha onke.” Nokuba imeko yethu yangoku ithini, nokuba zithini izilingo esijongene nazo, ukuba sihleli noThixo, ekulungeni kwaKhe, eluthandweni lwaKhe, nakumbingelelo waKhe emnqamlezweni ngenxa yethu, sinako ukuvuya kuYe, sifumanele uxolo imiphefumlo yethu ediniweyo.

Ukuvakala nje kodwa kwezi ndima kuthetha ukuphumla, uxolo nethemba elinyukela kokungaphaya kwalo mhlaba.

Khawube nomfanekiso wophumlo ebesinokuba nalo ngokwenene, ukuba besi“ngenaxhala lanto.” Oku kubonakala kuyinto engenako ukwenzeka nakubani kulo mhlaba (noPawulos ngokwakhe wayenokukhathazeka okuninzi). Kwakhona, ukwazi ukuba uThixo onothando, ekugqibeleni, nguYe olawulayo, kwaye unako ukusisindisela ebukumkanini baKhe, kwanokuba, ngokuqinisekileyo, unako ukusinceda ukuba sizibeke ngendawo zonke izinto esinamaxhala ngazo.

“INkosi ikufuphi?” Oko kukuthi, isoloko isondele kuthi, nokuthi, ngako nje ukuba siwavale amehlo ethu siphumla ekulaleni ukufa, okulandela esiya kwazi kukubuya kukaKritu. Akukho kuthandabuza, ubomi buzele kukungavani, zizilingo, namadabi. Akukho namnye kuthi osindayo kuzo; ngokuqinisekileyo nompostile uPawulos naye akazange asinde. (*Bona: 2 Korinte 11*). Sekunjalo, into yakhe kukusixelela ukuba, sele kukho konke oko sikuthweleyo ngoku, sinako ukuvuya koko sikunikiweyo kuKristu kwaye, ngokwenene, sinako ukuyifumanela ukuphumla imiphefumlo yethu, nangoku.

Lees weer Filippense 4:4-6. Op watter maniere kan jy hierdie wonderlike woorde op jou eie lewe toepas, ongeag die beproewinge en probleme waarmee jy op die oomblik te kampe het?

Ingcamango Eyongeziweyo: “Sonke siyazilangazelela iimpindulo ezikhawulezileyo nezitsolileyo kwimithandazo yethu, saye silingeka ukuba sityhafe xa impindulo ilibazisa okanye ifika ikwimo ebexikhangele kuyo. Yena uThixo ulumke kakhulu, ekwalungile, ukuba ayiphendule imithandazo yethu kanye ngexesha kunye nendlela esiyilangazelelayo. Yena usenzela okungaphezulu nokungcono kunokufeza yonke iminqweno yethu. Ngenxa yokuba sinokubuthemba ubulumko nothando lwaKhe, akufuneki ukuba simcele ukuba ayekele kwintando yethu, kodwa sifune okanye sicele ukuba sizame ukungena nokufeza eyaKhe injongo. Iminqweno yethu nesikuthandayo konke makunyamalale kwintando yaKhe.”—Ellen G. White, *Gospel Workers*, iph. 219.

“Kuya kuba ngumzuzwana ngaphambi kokuba afike uYesu ukuza kusindisa abantwana baKhe nokubanika inkcukumiso yokugqibela ukungabi nakufa. . . . Amangcwaba aya kuvulwa, baze abafileyo baphume boyisile, bedanduluka, besithi, ‘Owu kufa, luphi ulwamvila lwakho? Owu ngcwaba, luphi uloyiso lwakho?’ Esibathandayo abalele kuYesu baya kuphuma bembathiswe ngokungabi nakufa.”—Ellen G. White, *Counsels on Stewardship*, iph. 350.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- ① Cingani ngobunyaniso bobukho kwembambano enkulu. Niyibona idlalwa njani okanye isenzeka njani apha emhlabeni? Kunjani kobenu ubomi? Ingaba iyinene okanye ayinjalo? Kanti ke, iyinene ngaphezu kokuba abantu abaninzi becinga, kuba abaninzi abakholelwa kubukho ngenene kongendawo. Kubaluleke ngantoni ukubuqonda ubunyaniso bobukho bembambano enkulu ekusincedeni ukuba siyiqonde imeko yehlabathi? Kwakhona, kusithuthuzela kakhulu njani ukuyiqonda indlela eya kuphela ngayo le mbambano inkulu?
- ② Isiprofeto singaba sisiphazamiso ukuba sithi sizame ukudlula ngaphaya koko kutyhilwe ngokucacileyo. Kukangaphi amalungu ebandla engena engxakini, ezama ukumisa iziganeko ezingazange zenzeke okanye ekholelwa kokuxelwa kwangaphambili ngabanye nako okungakhange kwenzeke? Singazikhusela njani ukuze singawi kolu hlobo lomgibe?
- ③ Eklasini, phindani IsiThyilelo 14:9–11 nombona ngabo banqula irhamncwa nomfanekiselo walo abangayi kufumana kuphumla. Kunokuba kuthetha ntoni oku?
- ④ Into ekuphikiswana ngayo ebandleni inokwenza nento eligalelo lethu ngakwixesha lokubuya kukaKristu. Nokuba ubani uma kweyiphi into, kutheni le nto kusabaluleke kakhulu ukuba sibe nenxaxheba ekusasazeni isigidimi sokubuya kwaKhe emhlabeni?